# UKarikiriki umlulamisi wamagqwirha

Ibhalwe nguRobert Muponde
Imizobo nguElizabeth Sparg



Kwakukho ixhegwazana elalizihlalela lodwa kurontawuli owawusethambekeni. Amagqwirha ayelindwendwela qho ebusuku. Ayefika ekhwele iingcuka. Izikhova zazikhanyisela amagqwirha indlela ngaloo mehlo azo makhulu akhazimlayo.

Ayesenza eyona ngxolo yakha yambi aze angombe ucango lwalo de kuse. Iingcuka zona zazihleka ubusuku bonke nazo izikhova zikrwempe ingca ekufulelwe ngayo. Ayekhwaza amagqwirha: “Sagqibela kudala ukubeleka  emqolo wexhegwazana. Phuma!”

Ixhegwazana laqalisa ukulila likhwaza izinyanya zalo ukuba zilikhusele. Amagqwirha ayefika enze ipati enengxolo apha eyadini yalo. Ayekrazula ubuninzi bempahla zawo aze adanisele ngasemnyango. Ayehamba nje phambi kokuba kuse. Anjani ukuba krwada wona amagqwirha!

Kwaza kwakho into ekrekretha uzwane lwexhegwazana.

Yayiyimpuku, le yayisoloko ingena ngomngxunyana osedongeni. Amaxesha amaninzi ixhegwazana lalizamile ukuyibulala ngetyhefu, kodwa yayingafi tu. Mpuku ni le!

Lathatha isihlangu salo kodwa phambi kokuba liyihlasele, impuku yathetha. “Xhegwazana elithandeka kakhulu, ndize kuluma uzwane lwakho ngoxolo. Ubusuku obuninzi awukwazanga kulala. Ngoku, awukwazi nokuyosebenza emasimini akho. Uza kufa yindlala ngaphandle kokuba ungandivumela ndikuncede. Xhegwazana elithandeka kakhulu, ndinecebo!”

Lilangazelela uncedo ngamandla, layicela impuku ukuba icacise.



“Ngenye imini ndazibhaqa ndisemqolombeni ndaze ndabona imikhondo yeenyawo ezinkulu zikaKarikiriki, umbulali wamagqwirha oxakileyo,” yatsho impuku.

Yaxelela ixhegwazana, “Kufuneka ungene emqolombeni ebusuku, wedwa kwaye unganxibi zihlangu, ukhwaze igama elithi Karikiriki kube kathathu, uze udanise uphume.”



Ngoko ke ixhegwazana laya emqolombeni lenza njengoko laliyalelwe yimpuku. Lakhwaza, “Karikiriki! Karikiriki! Karikiriki!”

Lathi xa liphuma, leva izingqi zeenyawo zihamba emva kwalo. Laqalisa ukubaleka. Nezingqi nazo zaqalisa zabaleka. Lathi xa libheka ngasemva, ixhegwazana labona iinyawo ezinkulu zililandela!

Iinyawo ezinkulu zema ngaphandle korontawuli wakhe apho yayilinde khona impuku. "Ziinyawo zodwa? NguKarikiriki lo," yacacisa impuku.

Bafika ubusuku. Akhwaza amagqwirha: Sagqibela kudala ukubeleka kumqolo wexhegwazana!" aqalisa ukungomba ucango.

Ngephanyazo, waphuma ebaleka kwizithunzi awayezimele kuzo uKarikiriki. UKarikiriki wawakhaba entloko loo magqwirha ayokuwa phantsi, engekho zingqondweni.

"Ungawabulali kwangoku!" lakhwaza ixhegwazana. Lalifuna ukuba amagqwirha asebenze nzima emasimini alo nanjengoko ayengunobangela wokukhula kokhula olubulala izityalo zalo. "Kodwa uwabulale awavumi," wayalela.

Amagqwirha abanjiweyo avuma ukusebenza emasimini. Yintoni enye awayenokuyenza? Kodwa aza kusebenza ebusuku kuphela. Ixesha lasemini lalingawalungeli wona. Kwakulixesha awayedinga ukulala ngalo. Kwakhona, ayenalaa mkhuba wawo wokukhulula iimpahla zawo, ngoko ke ubusuku babulungele wonke umntu.

Lalonwabile ixhegwazana. "Mpuku," latsho, "njengeoko usindise ubomi bam, andisayi kuzama ukukutyisa tyhefu kwakhona. Xa sele sivunile, uza kufumana ingxowa yakho yombona oza kuwutya."

Yatswina yimincili impuku. "Ndiza kubuya ndizokukukrekretha uzwane ukuzikhumbuza nje ngeentsuku zamandulo ezazimyoli, xhegwazana elithandeka kakhulu!"

Iinyawo zikaKarikiriki zaxhentsa yimincili. Amagqwirha angonwabanga aqubula amagaba waza uKarikiriki wawaqhubela ngqo emasimini ekhwina enjalo. Iingcuka nezikhova ezinomsindo zona? Zahamba zaphindela ehlathini apho zihlala khona kakade.



Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

# UKarikiriki umlulamisi wamagqwirha

Ibhalwe nguRobert Muponde • Imizobo nguElizabeth Sparg

## Izimvo eninokuthetha ngazo

Ucinga ukuba besifanelekile isohlwayo segqwirha? Ngoba/ngoba kutheni kungenjalo?

Zithini iingcinga zakho ngemifanekiso esetyenziswe ngumbhali?

Ucinga ukuba ngubani igorha lebali? Kutheni ukhethe lo mlinganiswa?

## Umfanekiso

Yeyiphi inxenye yebali oyifumanisa isoyikisa? Bhala lo mbhalo phakathi kwiphetshana elikhulu lephepha. Zoba imifanekiso ijikeleze umbhalo owubonisayo.

## Ukufunda

Ngawaphi amanye amabali owafundileyo anamagqwirha, amarhamncwa awoyikekayo, iingcuka kunye/okanye izikhova kuwo? Ungafumana amabali amaninzi akwaNal'ibali apha: **www.nalibali.org.story-resources**. Khetha ibali elitsha oza kulifunda. Zeziphi iindlela eli bali lifana kwaye lohluke ngazo *kuKarikiriki, umbunisi wamagqwirha*?

## Ukubhala

Bhala uqwalaselo kwakhona lwebali. Quka isishwankathelo esifutshane kwaye uxele ukuba kutheni ungalicebisa okanye ungalicebisi kwabanye abafundi ababudala bakho nabangaphantsi kwakho.

## Ubuchule

Sebenzisa iipleyiti zamaphepha okanye ikhadibhodi, ipeyinti nomtya ukwenza iimaski zabalinganiswa abasebalini.

## Ukwenza

Dlala ibali usebenzisa iimaski ozenzileyo.